



# INgxelo eya kuBemi ka-2022/23

[\*ingxelo eya kubemi ingumfanekiso weNgxelo yoNyaka (Annual Report (AR)) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni equka konke yethuba eliqwalaselwayo. INgxelo yoNyaka epheleleyo ifumaneka apha: [WCED Annual Report.](#)]



**David Maynier**  
UMphathi weMfundo eNtshona Koloni

UMphathiswa weMfundo ujongene neMfundo Jikelele noQeqesho oluQhubekelayo (*General and Further Education Training*) kwiphondo (kwi-GET ne-FET, kumaBakala R ukuya kwele-12), kuqukwa nemfundo eneemfundo ezizodwa nemfundo nophuhliso lwabantwana abasaqalayo.

**UMBONO** weSebe iWCED kukubonelela ngemfundo esemgangathweni kumfundi ngamnye, kwiklasi nganye, kwisikolo ngasinye kwiphondo- ngoko ke lenza oku:

- Ukomeleza nokwandisa amathuba emfundo esemgangathweni ukwenzela ukuphucula umgangatho wokufunda;
- Ukomeleza nokwandisa iindawo ezikhuthaza ukufunda;
- Ukomeleza ukusebenza kwezikolo nokuphendula ngokuqhubekayo kuzo; kunye
- nokomeleza nokuphucula ukubanako kwazo ukumelana neemeko nokulungela iimeko eziguququkayo.





**UBrent Walters**  
INTloko yeSebe leMfundo

INTloko yeSebe leMfundo ngumsebenzi wenkonzo karhulumente, oqeshelwe ukuqinisekisa ukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) libonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi ngokusebenzisa ubunkokeli obusebenza kakuhle nokuphumeza imigaqo-nkqubo nezicwangciso zobuchule eziyimpumelelo.

## Iinkonzo zethu ziquka:

- Ukucwangcisa ngokubanzi ukulungiselela ulawulo, lwenkqubo yemfundo;
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo;
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo;
- Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa;
- IMfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo (ECD);
- Amathuba ophuhliso ootitshala kunye nakwabo bangangabo ootitshala;
- Iprogram yokutyisa abafundi ethagethiweyo namanye amanyathelo okuphelisa intlupheko nawokhuseleko;
- Ukunika inkxaso kootitshala ngokubonelela ngeemeko ezisisiseko zenkonzo, nezibonelelo zenkuthazo neProgram yeMpilo Qete yaBasebenzi; kunye (*Employee Health and Wellness Programme*) (EHWP))

## ISebe iWCED ngokufutshane

	Ziyi-8 iZithili		Yi-81,4% reyithi yokupasa kwi-NSC
	Ziyi-1 524 iZikolo		Yi-42.7 % abapasele ukufundela isidanga ( <i>Bachelor's Pass</i> )
	Bayi-1 205 172 abafundi		Yi-75,3% ireyithi yokugcinwa kwaBafundi esikolweni kumaBakala 10-12
	Ziyi-888 ilZikolo ezingabizi zifizi	$x = y^2$	Yi-67,9% abapase i-Mathematika
	Bayi-835 019 abafundi kwizikolo zikarhulumente abaxhamla kwi-“No Fee” policy.	$E = mc^2$	Yi-81,1% abapase i-Physical Sciences
	Bayi-94 099 abafundi abaxhamle kwinkqubo yokungahlawulisi zifizi		Bayi-21 881 abafundi abaxhaswa ngemali kwizikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo.
	Bayi-65 594 abafundi abaxhamla kwiprogram yothutho lwabafundi.		Bayi-510 956 abafundi abaxhamla kwiprogram yokutyiswa kwabafundi.

## Imisebenzi yeSebe iWCED –Umhlaba ofikelelwayo nemilinganiselo

Abafundi	2022/23
Abafundi abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo: amaBakala 1 – 12	1 116 010
Abafundi abakwiyunithi zeLSEN kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	870
Abafundi abakwiZikolo zeZakhono: UNyaka 1 – 4	200
Abafundi abakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa	20 572
<b>Itotalana</b>	<b>1 137 652</b>
Abafundi abakwiBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	67 520
<b>Itotali</b>	<b>1 205 172</b>
<b>Amaziko</b>	
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	1 451
Izikolo zikarhulumente zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa	69
<b>Itotalana</b>	<b>1 520</b>
Izikolo zezibhedlele	4
<b>Itotali</b>	<b>1 524</b>
li-ofisi zezithili	8

## Ubhaliso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (2018-2022) kwithuba lemnyaka emihlanu

Unyaka	IBakala 1	IBakala 2	IBakala 3	IBakala 4	IBakala 5	IBakala 6	IBakala 7	IBakala 8	IBakala 9	IBakala 10	IBakala 11	IBakala 12	Itotali
2018	104 336	103 671	104 357	106 969	97 900	92 044	85 794	83 376	74 613	77 245	62 832	51 459	1 044 596
2019	105 207	102 990	101 563	108 724	101 936	95 227	90 148	87 796	77 603	77 475	63 548	51 076	1 063 293
2020	105 602	103 064	100 937	107 013	102 858	99 368	93 653	91 334	80 999	79 563	63 886	52 374	1 080 651
2021	105 831	102 300	100 827	104 113	102 114	100 979	97 489	89 755	86 024	81 890	69 765	57 791	1 098 878
2022	105 945	104 833	100 922	104 141	100 189	99 984	99 076	96 119	86 957	87 157	70 751	59 936	1 116 010

Data Source: Annual School Survey (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)

## iKlasi ka-2022

### Iimviwo zeNSC

- **Bayi-60 338** ababiwa beBakala 12 ababhala iimviwo ze-*National Senior Certificate (NSC)* zango-2022.
- Ireyithi yokupasa equka konke yande ukusuka ku-81,2% ukuya ku-**81,4%**.
- Ireyithi yokupasela ukufunda imfundo yesidanga -ibe ngu-**42,7%** ngo-2022 – eyona iphezulu kwilizwe.
- Inani labapase ngeenkwenkwezi kwizifundo (subject distinctions) bandile ukusuka ku-**26 407** ukuya ku-**26 428**.
- Ireyithi yokupasa kwizikolo ezikumanganaba entlupheko amaninzi angala (1, 3 & 4) yandile.
- Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziphumelela ngaphantsi ko-60% lihliile ukususela ku-37 ukuya ku-**29**.
- Bayi-**60 338** kwabayi-**62 350** abafundi ababhalisileyo beBakala 12 ababhalayo uviwo ngokwenene – ireyithi yababhalileyo engu-96,8%.
- Ireyithi yokupasa ye**Mathematika** ibe ngu-**67,9%**, yeyona iphezulu kuzwelonke.
- Ireyithi yokupasa ye-**Physical Science** ibe ngu-**81,1%**, yeyona iphezulu kuzwelonke.
- Ireyithi yokupasa ye-**Accounting** kwakunye nepesenti yabapase ezinkwenkwezini (*distinctions*) yeyona iphezulu kuzwelonke.

Makujongwe apha: [NSC 2022 Examination Report](#)



[Western Cape Celebrates NSC Results](#)

[Class of 2022 results](#)

### Iimviwo zeNSC zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa

Abafundi beBakala 12 abaneemfuno zemfundo ezizodwa baqhuba kakuhle kwiimviwo ze-NSC:

- **Ziyi-10** izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezilandela i-*Curriculum Assessment Policy Statements* ezabhala **iimviwo ze-NSC** baza baphumelela **ngereyithi yokupasa equka konke** engu-**85,9%**.

## Imfundo eenemfundo ezizodwa



### Imfundo eenemfundo ezizodwa iyaqhubeka ukuvelisa iziqhamo:

**Ziyi-69** izikolo zemfundo eenemfundo ezizodwa ezafaka abafundi abayi-**20 572 abaneemfundo zemfundo ezizodwa.**

Ezinye izikolo zemfundo eenemfundo ezizodwa zisebenzisana necandelo labucala neSebe lezeMisebenzi, zafaka abafundi abakhubazekileyo kwizithuba zengqesho yaye oku kukhokelele kumathuba okuqeqeshelwa umsebenzi (*learnership*) nawomsebenzi kubafundi abaninzi abashiya isikolo.

**likomiti ezenza iinkonzo ii-WCED outreach teams**, ezixhaswa ngemali yi-National Conditional Grant, ngokubambisana namasebe ezeMpilo neloPhuhliso lweNtlalo (*Health and Social Development*), **zinike inkxaso abafundi abayi-1 646 abakhubazekileyo ngokwasengqondweni ngokumandla (profound intellectual disabilities) kumaziko azi-special care centres ayi-62.**

Iziko lewebhu lezikolo zemfundo eenemfundo ezizodwa <https://wcedportal.co.za/special-schools> kwi-ePortal lenzelwe imathiriyeli enika inkxaso eyimfuneko kwakunye nemizekelo yeenkqubo ezifanelekileyo ezinokwenziwa.

Kwakhona, iitheraphisti, iisayikholoji, ii-Learning Support Practitioners nonoontlalontle abaqeshwe liSebe iWCED banike ingcaciso engemisebenzi eyenziwayo kumaqonga onxibelelwano yaye babonelela nangeebrowutsha, iiphamflethi nangeevidiyo zengcaciso ukuncedisa ootitshala, abafundi nabazali.

Makujongwe: [Specialised Support Services](#)

Makujongwe: [World Play Day](#)

## Ezemali ngokufutshane

### Amaphulo enxaso ezentlalo

ISebe liqhubekile ngenkqubo **elungiselela izikolo ezihluphekileyo** yango-2022/2023 ("*pro-poor approach*") ethe yayinzuzo kubafundi ngolu hlobo:

- **Yi-R85, 075** yezigidi (*million*) eyahlawulwa ukunika inkxaso izikolo **ezingahlawulisi zifizi** ukwenzela abafundi abayi-**94 099** kwizikolo eziyi-**550**, ukwanda ukususela kwabayi-**90 797** abafundi beminyaka edlulileyo.
- Izikolo ezingabizi zifizi zandile ukuya kwizikolo eziyi-248 ngo-2023 ngabafundi abayi-1093 abongezelelweyo.
- IProgram i-National School Nutrition Programme ityise abafundi abayi-**511 777 kwizikolo eziyi-1 029** – ukwanda ngezikolo ezisithoba. Iprogram yebhakfesi iyaqhubeka kwizikolo ezisixhenxe ezixhamla kwi-Tiger Brands Foundation, nezinye ezisithoba ze-Department of Economic Development and Tourism, nezikolo ezihlanu ze-Pioneer Foods.

ISebe lichithe i-99,9% yebhajethi ehlangahlengisiweyo ukwenzela u-2022/23. Inkcitho enganeno ifikelele kwi-R36,985 yezigidi okanye ku-0,1% webhajethi ehlangahlengisiweyo.

### Izibonelelo zezemfundo

#### Ifenitshala nezixhobo:

ISebe iWCED lizise ezi zinto:

- **Ziyi-91 648**, i-ayithem zefenitshala ezixhabisa **R58 584 012,79** kwizikolo eziyi-621;
- **Ziyi-2640**, ii-ayithem zefenitshala ezinenkcitho iyonke eyi-**R1 170 436,20** kwizikolo eziyi-**46** ezineeklasisi ezintsha zamaBakala kunye
- **neziyi-13 585**, ii-ayithem zefenitshala kwi-Mass Participation, Opportunity and Access, Development and Growth Centres ayi-**47**. Akwafumene nelephutophu ezixhabisa **R936 146.**

#### Izibonelelo eziXhasa uKufunda noKufundisa (Learning and Teaching Support Material (LTSM))

Ziyi-**451 139** iincwadi zezifundo zokongezelela ezasiwa ezikolweni ngaphambi konyaka wokufunda ka-2023.

Ziyi-**239** izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 ezafumana izinto zokubhala nemathiriyeli yokucoca.

Ziyi-**5 792** iincwadi zoncwadi ezathengwayo zaza zasiwa kwizikolo eziyi-269 ezinamaBakala 10-12.

Igama leprogram	2021/22	2022/23
	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho eyiyo kanye
	R'000	R'000
1. Ulawulo	1,332,420	1,456,507
2. Imfundo yesikolo sikarhulumente esiqhelekileyo	18,940,004	20,004,427
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	130,508	143,544
4. Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	1,443,830	1,507,392
5. Uphuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo	621,102	986,010
6. Uphuhliso lweziseko-zophuhliso	1,711,264	2,539,794
7. Iinkonzo zeemviwo nezemfundo ezinxulumene nazo	1,176,773	1,491,257
<b>Total</b>	<b>25,355,901</b>	<b>28,128,931</b>

### ISKIM soThutho lwaBafundi (*Learner Transport Schemes (LTS)*)

Bayi-**65 785** abafundi abasebenzisa iinkonzo ze-LTS. Ziyi-**605** iindlela kungokunje ezivunyiweyo kwiphondo ngokubanzi yaye ziyi-**483** izikolo ezixhamla kwesi sikim.

### Iiproyekthi ezigqitywe ngo-2022/23:

**Izikolo ezitsha ezisibhozo**, ekuzezi:

New Moorreesburg, Klappmuts, Tafelsig no. 2, Lwandle ne-Fairdale **High Schools**;

Rosendaal ne-Saxonsea **Junior High Schools**; kunye ne-Klappmuts no. 2 **Primary School**

**Zizikolo ezitshintshiweyo ezithathu**, ekuzezi:

Chatsworth, Umyezo Wama Apile ne-Perivale **Primary Schools**

[Celebration as new Perivale Primary School buildings are opened](#)

### Iiproyekthi zokulondolozwa kwezikolo:

Zagqitywa ngo-2022/23 iiprojekthi zolondolozo ebezicwangciswe.

Ziyi-**602** iiklasi ezintsha ezakhiwayo.

### Iingcingo ezirhange izikolo zokhuseleko eziphakamileyo:

Ziyi-**32** izikolo ezabonelelwa ngeengcingo ezirhange isikolo zokhuseleko eziphakamileyo.

Makufundwe nge-**WCED's Rapid School Building Programme** apha: [Rapid School Building Programme](#)



### Imfundo eneemfundo ezizodwa

“Isikolo esitsha” sabafundi abanoPhazamiseko lweNgqondo oluyi-**Autism Spectrum Disorder** nabafuna ukunikwa inkxaso yeemfundo ezizodwa ekumgangatho ophezulu, siqale kwikhampasi yase-**old Cheré Botha school satellite campus** ese-**Herbert Street**, e-**Bellville**.

Makufundwe ngeefasilithi ezintsha apha: [A Remarkable School](#)



## Imfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo (Early Childhood Development)

- Ngokungqinelana ne-*President's Proclamation* ukususela ngo-2019, iSebe i-WCED lanikwa uMsebenzi weMfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo (*Early Childhood Development (ECD) Function*) ngo-2022. Ayi-51 amagosa awayesebenza kwiCandelo le-*ECD* ukwenzela iSebe loPhuhliso lweNtlalo yoLuntu (*Department of Social Development (DSD)*) awatshintshelwa kwiSebe i-WCED.
- Imisebenzi engundoqo yeSebe i-WCED ngokumalunga ne-*ECD* kukubonelela:
- Ngemfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo (*ECD*) kwiBakala R nele-*Pre-grade R* ngokungqinelana ne-*White Paper 5* (Kukuqwa ne-*E-learning*)
- Izikolo zikarhulumente ezithile ngezibonelelo eziyimfuneko kwiBakala R.
- Ngenkxaso yeBakala R kumaziko ophuhliso lwabasaqalayo.
- Ngoqeqesho neentlawulo zezitayiphendi kwiipraktishina /kootitshala be-*Pre-Grade R*.
- Ngeenkonzo zesebe zokuphuculwa kwezakhono zeepraktishina /zeetitshala nabangengabo ootitshala kumaziko e-*ECD*.

Bayi-**70 060** abafundi beBakala R ababhalisiweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kumaziko azimeleyo, kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nakwizikolo ezizipriprayimari.

- **Bayi-63 086** kwabayi-**70 060** abafundi beBakala R ababhaliswayo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
- **Ziyi-248** iiklasi ezongezelweyo ezabonelelwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-**24**.
- **Ziyi-1 373** lipraktishina ii-*ECD practitioners* ezaqeqeshwayo

## UQeqesho loPhuhliso lweZakhono zooTitshala

**I-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)**, eyenza umsebenzi woqeqesho lootitshala abasenkonzweni, lweenkokeli zezikolo namagosa ekharityhulam eSebe iWCED, ibonelele ngamathuba okufunda kootitshala amaninzi besebenzisa ikhompuyutha (*online professional learning opportunities*) ngenkqubo edibanisa indlela yokufunda eqhelekileyo neyokufunda kusetyenziswa ikhompuyutha (*blended learning approach*):

- **Bayi-3 834** ootitshala abaya kuqeqesho lwe-*Information and Communication Technology integration training*; yaye
- **Bayi-828** ootitshala abaya kwiikhosi zootitshala ezimiseliweyo eziququzelelwa yi-CTLI.

**Makufundwe ngokungaphezulu nge-CTLI apha:**  
<https://wcedctli.co.za>

## Isicwangciso se-eLearning

**Ziyi-1 296** izikolo ezabonelelwa ngo-intanethi (*broadband*) lo gama ziyi-**902 kwezo zikolo ezafumana** i-*Local Area Networks, (Wi-Fi)*, nokulondolozwa kwayo yaye ngokwenjalo, izikolo zibenako ukwenza abafundi abamalunga ne-**850 000** nootitshala abayi-**25 200** bafikelele ku-intanethi.

Ukusetyenziswa kwezibonelelo okungaphezulu neeprojekthi zophuhliso ii-*Smart Classroom projects* kuqhubekile yaye ziyi-**9 981** kwezi projekthi kwizikolo eziyi-**806** ngokubanzi esele ziphonyezwe kuzo.

UPhuhliso lweZakhono zooTitshala (*Teacher Professional Development*) kwi-eLearning kube ngaphezu kwethagethi engootitshala abayi-**4 400** abaye bangaphezulu ngabayi-**4 793 ootitshala**. Amaqonga aku-intanethi abonelele ngamathuba angazange abekho xa kuqutywa iikhosi eziququzelelweyo kusetyenziswa unxibelelwano ngekhompuyutha.

I-*ePortal* yeSebe iWCED lisango eliphambili kubafundi, kootitshala nakubazali ukwenzela ukuba bafikelele kwizibonelelo zokufunda kumabakala onke nakwizifundo ngokunjalo. Kwenziwa ngokuqhubekayo yaye kuthengwe izibonelelo zalo vimba wezibonelelo zethekhnoloji zeSebe yaye kwenziwe namaphulo entsebenziswano ngokubambiswano namahlakani afanelekileyo.

<https://wcedportal.co.za>

## Uvavanyo lweNkqubo yezeMfundo i-Diagnostic Systemic Assessment

Iziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yezeMfundo zango-2022 zibonisa ukuba amaphulo ongenelelo ngoncedo okubuyisela ixesha ekuphululeni nalo, abe nefuthe ngakumbi kwiSigaba esiSiseko. Ngokubhekiselele kwiziphumo zango-2021, inyukile ireyithi yokupasa kwiMathematika namanqaku angumndilili kwiBakala 3 ngokubonakalayo, njengoko kube njalo nakwireyithi yokupasa namanqaku angumndilili kwiBakala 3 kuLwimi. Ukuphucuka komgangatho ngokumalunga neziphumo zika-2021 kubonakele nakwireyithi yokupasa namanqaku angumndilili kwiBakala 6, kwiMathematika, namanqaku angumndilili kwiMathematika kwiBakala 9 nakwireyithi yokupasa namanqaku angumndilili kuLwimi kwiBakala 9.

[Systemic Testing Works](#)

## IProgram eyi-#Back on track (BOT)

[The Western Cape is getting #BackonTrack!](#)

IProgram i-BOT yongezelelwe njengephulo lomphathiswa eliphambili elijolise ekunikeni inkxaso abazali babuyisele abantwana babo kwimo yesiqhelo yokufunda nokwenza iMathematika yonke imihla kwakunye nokubuyisela ixesha lokufunda abaphulukene nalo ngethuba le-COVID-19.

Ikwagxininisa kumaphulo amaninzi eSigaba seSiseko anokuba negalelo ekuphuculeni iziphumo kwiiMvavanyo zeNkqubo yezeMfundo zeSebe iWCED, ii-WCED Systemic Tests zoLwimi neMathematika – nokuba bonke abafundi abaneminyaka eyi-10 bafundele ukufumana intsingiselo nokuqonda kwinqanaba elichanekileyo engadlulanga u-2023.

[BOT Recovery Programme](#)

## Ootitshala abanezidanga baka-Funza Lushaka

**Ootitshala abafumana ibhasari** i-Funza Lushaka **abayi-344 (58,6%)** kwabayi-587 bafakwe kwizithuba zomsebenzi zootitshala (kwiinyanga ezintandathu bewaqibile amabanga emfundo abo) ezisisigxina nezengqesho yemvumelwano ngonyaka wokufunda wama-2022.

## I-STEAMAC/Coding ne-Robotics (C&R)

Isicwangciso se-STEAMAC sokukhuthaza i-Science, i-Technology, i-Engineering, i-Arts, i-Maths, i-Agriculture, ne-Coding and Computational Skills siya sizuzisa umtsalane kakhulu.

IProgram elingwayo ye-C&R yango-2022 yandiswe ukuya kutsho ku-2023.

Amagosa azo zonke izigaba, asebenza ngalo lonke ixesha ukwenzela ukuba aphumeze ikharithyulam ye-C&R: IQela eliPhambili le-C&R lePhondo (C&R Provincial Core Group) libandakanya abacebisi beSigaba esiSiseko besithili abaqulunga imisebenzi elungelelaniswe nokuxhobisa ootitshala ngokubonakalisa ukuba ukudityaniswa kwe-C&R kwiSifundo soLwimi, seMathematika, nakwese-Life Skills kungazicuphula njani iindlela zokufunda nokufundisa zangoku.

Amagosa eSigaba esiPhakathi nesiPhezulu, ngentsebenziswano ne-CTLI, aqulunqa isandulela sokuqaliswa kwekhosi ye-coding ngelixa abacwangcisi beKharithyulam abaPhezulu be-C&R bedlala indima ephambili ekuqakumbeleni idrafti yekharithyulam elungiselelwe ukuba ivunye ngu-Umalusi.

[Rural school robotics team takes the world by storm](#)

## IZikolo eZikhuselekileyo:

Ziyi-143 zizonke izikolo ezanikwa inkxaso ngezicwangciso zokhuseleko ezahlukileyo ezifana nee-*alarm systems*, ii-*access gates motorisation*, iigeyithi zokhuseleko, ii-*stone guards*, ii-*intercom systems*, nokulondolozwa kweengcingo. Kwaqaliswa iiprogram ezahlukeneyo zophuhliso nezokuthatha amanyathelo othintelo ukuququzelela iimeko zotshintsho kwiindlela zokucinga nezokuziphatha zabachaphazelekayo. Ngokuthe ngqo:

- **Bayi-7900** abafundi abathatha inxaxheba kwiiprogram zasemva kokuphuma kwesikolo.
- **Bayi-11 374** abafundi abaya kwiiprogram zeholide.
- **Bayi-1 481** abafundi abavavanyelwa iziyobisi ezingavumelekanga.
- **Ziyi-50** izikolo nootitshala **abayi-257** abafumana uqeqesho lokuvavanya iziyobisi.
- **Ayi-369** amakhaya andwendwelwayo yaye ngenxa yoko bayi-**293** abafundi abaphinda babuyiselwa kumakhaya abo.

- **Bayi-520** ootitshala abafumana uqeqesho i-*Occupational Health and Safety Training*, lo gama beyi-192 nabayi-32 abaya kuqeqesho loncedo lokuqala nolokucima umliho (*firefighting training*) ngokulandelelanayo.
- **Bayi-2 444 abafundi nootitshala abayi-52** abaya kuqeqesho lokusombulula iingxabano (*conflict management*) lo gama beyi-7 564 abafundi nootitshala abayi-226 abafumana uqeqesho oluchasa ukubhulishwa kwabafundi ngabanye.

[Safe Schools Holiday Programme](#)

## **IProgram i-Employee Health and Wellness Programme (EWH)**

**Ayi-64** amaphulo oqeqesho ongenelelo ngoncedo alumalunga nemiba yezengqondo neyentlalo (*psycho-social training interventions*) **afikelela kubaqeshwa abayi-2379**.

**Ziyi-1200** iiseshoni zeengcebiso zabantu ngabodwa (*individual counselling sessions*) neseshoni zengcebiso eziyi-**34** kumothuko omkhulu, ezaqhutywayo ukufikelela **kubaqeshwa abayi-425**.

Iinkonzo ze-*EHW* zazisiwe kusetyenziswa iCandelo leRejistri neengcaciso engee-**Health Bytes** zahanjiswa ngumbonelelo-nkonzo we-*EHW*.

Isemina yootitshala eyi-**Teacher Wellness Seminar** yafikelela kubaqeshwa abangaphezu kwabayi-250. Amaphulo oqeqesho ongenelelo ngoncedo amalunga nemiba yezengqondo neyenzentlalo abonelelwa ngokumalunga nokulawula uxinzelelo, ukuba nolwazi ngempilo yengqondo, ukuxhobisana kwabasebenza kunye (*team building*), uqeqesho lokusombulula iingxabano, ukulawula uxinzelelo nokudinwa ngokugqithisileyo.

## **Amaphulo ezonxibelelwano**

Iphulo elibanzi lokwamkelwa kwabafundi lamiselwa ngokusesikweni ngenjongo yokukhuthaza abazali nabanonopheli babafundi abangena kwiBakala 1 no-8, kwakunye nabafundi abatshintshela kwezinye izikolo ukususela ngo-2024, lokuba bafake izicelo ngethuba nakwizikolo ezingaphezu kwezithathu. Le nkqubo yandiswe sisikhokelo sevidiyo (esingokufaka isicelo kwikhompyutha) esibe nomtsalane kubabukeli abangaphezu kwabayi-42 000 ku-YouTube, ukupapashwa

kumaphephandaba, kwiirediyo, kwiibhilibhodi, kwimiva yeebhasi, kwiintengiso eziteksini, kwiindawo ezinabantwana abaninzi abanokubhaliswa, kwiiseshoni zokuhanjiswa kwemiyalezo kubahlali, ukuhanjiswa kweephamflethi nokuxhonywa kweepowusta. Kukwasetyenziswe namaqonga onxibelelwano ngo-intanethi netheknoloji ngokunjalo: WCED targeted Facebook, Twitter, Instagram, neentengiso ii-Google Display ads kwakunye nabaphula-phuli abangaphezu kwe-800 000 kwiirediyo zengingqi.

## **IYunithi yeeNkonzo zeeLwimi yeSebe iWCED (WCED Language Services)**

ibonelele ngeenkonzo zoguqulo, ukulungiswa kwempazamo (proofreading) nokuhlelwa kwamaxwebhu kumacandelo eSebe iWCED. Ewonke ayi-1 301 amaxwebhu ahlelwayo, alungiswa iziphene aguqulwa, nafikelela kumaphepha ayi-4 634.

**Ziyi-4 831 iinkonzo ze-Edumedia ezisusela kwezi nkonzo neemveliso zopapasho zilandelayo:** *desktop publishing, web page maintenance, printing, audio ne-video productions kunye ne-still photography.*

Iinkcukacha-manani zika-Google zibonisa ngaphezu kwe-**9,8 million ezizigidi zababukeli** (okubonisa ukunyuka kwamanani okungaphezu kwesigidi kwababukeli beziko lewebhu leSebe iWCED -xa kuthelekiswa no-2021/22) - yaye oku kuqaqambisa ixabiso lezi nkonzo.

Makukhangelwe ingcaciso apha: <https://wcedonline.westerncape.gov.za>

## **Umxholo wonyaka**



U-2021 “**uNyaka woBunkokeli oBukhutha ziiMfundiso eziSisiseko**”, unomxholwana othi, “**Ukomeleza iZikolo eZisebenzayo**”, watshintshwa ngomxholo wonyaka omtsha ka-2022 “**UNyaka woKufunda**”, nomxholwana, “**UBunkokeli oBukhutha uKomelela**”. Kuye kwabaluleka kwabo baziinkokeli ukuba babonise ukuzimisela ekuqhubeleni phambili ezemfundo kwiphondo ngethuba lomngeni we-COVID-19.



## Ikharityhulam

### ISigaba esiSiseko

**Iprojekthi yeBakala R-3** yathagetha izikolo eziyi-103 ezinesiXhosa uLwimi loKufunda noKufundisa (*Xhosa Learning of Learning and Teaching schools*) kwiphondo nebigxininisa ekuphuculeni izakhono zobunkokeli kwiiKomiti zoLawulo zeSikolo nokubonelelwa ngezibonelelo zeLTSM nokubekwa esweni kwazo.

**Zizonke ziyi-60 ii-trolley cases zeethablethi eziyi-10 ezabonelelwa kwizikolo eziyi-20** ngethuba lale projekthi. Ukuthengwa kwezibonelelo ezongezelelweyo kuyaqhubeka ukulungiselela izikolo eziyi-83 ukuba zifumane iithablethi eziyi-2940 ukwenzela ukufundiswa kwamaqela kwiMathematika nokufunda kwabafundi kumaqelana amancinci kwiiLwimi zeeNkobe.

### EyeSigaba se-GET

Liqhubekile iphulo lobuchule bokubhala leBakala 4, upapasho lwesithathu (*third edition*) i-*Story Stars*. Abafundi bebebhala amabali abo, nathi aguqulwe abe yividiyo yesiNgesi, yesi-Afrikansi okanye eyesiXhosa. Ividiyo ephumeleleyo inokubekelwa kunye/okanye ikhutshelwe apha <https://wcedonline.westerncape.gov.za/story-stars>

Amaphulo ongenelelo ngoncedo amaninzi anxulumene nesicwangciso sokufunda aqhubekayo, angala: *Growsmart competition*, i-*WOW spelling festival*, ukhuphiswano lokubhala luka-PANSALB ne-*Spelling Bee competition*.

### EyeSigaba se-FET:

**I-CTLI iqeshe umququzeleli oyi-FET course coordinator** oya kuncedisa ekwandisweni kweekhosi ze-CTLI zophuhliso lwezakhono zootitshala (*professional learning opportunities* (PLOs) kwisigaba se-FET band. Ukususela ekuqeshweni kwakhe ngo-Agasti 2022, sele kuqaliwe ukusetyenziselwa ukuphumeza amaphulo oqeqesho lophuhliso lwezakhono (PLOs) kwiKota 4 (2022) nakwiKota 1-4 (2023).

## Amabhaso neembasa (*accolades*)

Ootitshala, abafundi, amagosa, nezikolo zeNtshona Koloni baye bagqwesa kwinqanaba likazwelonke yaye kwimeko yezikolo ezibini zagqwesa nkqu nakwilizwe jikelele. Imiba eqaqambileyo yile:

U-Estelle de Wit, inqununu yase-Sunningdale Primary School, ube ngophumelele kwi-*Suid-Afrikaanse Onderwysers Unie* kuzwelonke kudidi loKugqwesa kuBunkokeli kwezeMfundo (*Excellence in Educational Leadership*): IZikolo eziziPrayimari.

Ootitshala **abane** beNtshona Koloni batyunjwa njengootitshala abagqwesileyo abasemagqabini kwiindidi ezikhethiweyo **kumaBhaso oKuwonga ooTitshala kaZwelonke**, lo gama abanye ababini baphuma isibini.

[Congratulations to our National Teaching Award winners!](#)

I-Pinelands North ne-West End Primary Schools zaqatshelwa njengezikolo ezili-10 ezigqwesileyo kwilizwe jikelele (*Top 10 Schools*) (i-Pinelands North PS yabamba indawo kwezithathu eziphambili ezigqwesileyo (*Top 3 status*)!) kolu didi “UkuGqwesa phantsi kweMeko eziNzima (*Overcoming Adversity*)” kuKhuphiswano oluyi-World’s Best School Competition.

[Pinelands North PS and West End PS make us proud!](#)

I-Athwood Primary School ne-Gardens Commercial High School, zathathelwa ingqalelo kwilizwe jikelele:

[Athwood Attains an Annual Anthem Award from America!](#) kunye

[US Organisations and Freshly Ground’s Zolani help Gardens Commercial HS “take it to the bridge”](#)

UMcwangciso weKharityhulam oMkhulu: *we-Life Orientation and Life Skills*, u-Ismail Teladia, wamela uMzantsi Afrika kwi-*Cricket World Cup* yabangaphezu kwe-60 e-Queensland, e-Australia.

[Durbanville High school’s teams was crowned national netball champions.](#)

## Ukuqhagamshelana nathi

ISebe iWCED lisebenza kwizithili ezisibhozo yaye linoNdlunkulu oseKapa.

Indawo	Idilesi	Ifoni
WCED Head Office	1 North Wharf, 2 Lower Loop Street, Cape Town	0861 819 919
Metro Central	Gate House 2, Alexandra Provincial Office Precinct, Haven Road, Garden Village, Maitland	021 514 6700
Metro East	Belhar Main Road and New Nooiensfontein Drive, Kuils River	021 900 7000
Metro North	9 Timmerman Street, Parow	021 938 3000
Metro South	Lentegeur Hospital, AZ Berman Drive, Lentegeur, Mitchell's Plain	021 370 2000
Cape Winelands	9 Durban Street, Worcester	023 347 4600
Eden & Central Karoo	York Park Building, 1st Floor, St Johns Street, George	044 803 8300
Overberg	15 College Road, Caledon	028 214 7300
West Coast	6 Hospital Street, Paarl	021 860 1200

**Amaziko eeFoni eSebe iWCED,  
amaziko eWebhu naMaqonga  
oNxibelelwano:**

**Imibuzo emalunga nemicimbi yabasebenzi nezeMali:** 0861 819 919

**IZikolo eziKhuselekileyo:** 080 045 4647

**Iprogram ye-EHWP:** Toll-free: 0800 111 011

**USSD:** Send a "please call me" to \*134\*664\*38#

**I-imeyili:** [wced@mhg.co.za](mailto:wced@mhg.co.za)

Kwamanye amaphulo ongenelelo ngoncedo amalunga nemiba echaphazela uluntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo afana neeprogram zokunika ulwazi, oomasifundisane njalo-njalo., eziphunyezwe kwiikomiti okanye kumanqanaba esebe, uyacelwa uqhagamshelane nepraktishina yakho ye-EHWP.

**IZiko lewebhu:** WCED online <https://wcedonline.westerncape.gov.za>

**Email list:** WCEDnews <http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews>

**X (formerly Twitter)**

**WCEDnews:** <http://twitter.com/wcednews> (for news-in-education-related tweets)

**WCED ePortal** <https://wcedportal.co.za> (digital learning resources)

Kwenziwe iinzame zokuqinisekisa ukuchaneka kweelinki kolu xwebhu lupapashiweyo.  
Ukuba azisebenzi ezinye iilinki ngamanye amaxesha, uyacelwa uzitshekishe kwakhona emva kwangoko.